
VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ISIPHAKAMISO SOKUVALWA KWENDLELA YABO BAHAMBA NGENYAWO UKUBA INGAPHUMELI KWINDAWO YOKUHLALA ENGAMATYOTYOMBE IBONNY TOUN BUSH, ESE WYNBERG EAST

ISixeko saseKapa sinenjongo yokuvala ngokusisigxina indlela yabo bahamba ngenyawo engena kwindawo yokuhlala engamaTyotyombe iBonnytoun Bush, njengoko kubonakaliswe kwimephu ngezantsi apha.

**Izizathu zesi siphakamiso sokuvalwa kwendlela ngokusisigxina:**

- Uluntu laseWynbeg luthi lubengamaxhoba okulahlekelwa mihla le, umzekelo ukubiwa kwentambo zombane, ukuqhekezwa kwamakhaya, ukubiwa kwezithuthi nokuxhwila kwezinto oziphetheyo xa uhamba endleleni (ukurojwa ngootsotsi).
- Izaphul'imthetho, zithi zisebenzise le ndlela ukubalekela kumatyotyombe, njengoko iyindawo ekulula ukungena nokuphumela ngayo kumatyotyombe.




Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho ingangenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngoLwesithathu wama26 kweyoKwindla (Matshi) ukuya ngoLwesithathu wama30 kuTshaziimpuzi (Epreli) 2025.

**Izimvo, izilungiso nezindululo zingangeniswa, ngokuthi usebenzise:**

- I-imeyile: public.participation@capetown.gov.za
- Kwikhonkco lobuchwepheshe: www.capetown.gov.za/collaborate
- Ngokwakho: Kwiofisi yeBhungana 20, Alphen Centre, Constantia Main Road, eConstantia

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala.

Ukuba unayo nayiphina imibuzo ngokumalunga nendlela engokungenisa izimvo zakho, nceda uqhagamshelane noAnthea Bendie kumnxeba 021 400 1450 okanye uimeyilele ku Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA61/2025

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.